ISAZISO ESIBALULEKILEYO – IBANGO LEQELA LABANTU LETHAYISISI NESIFO SEPHEPHA

Isivumelwano seNtlawulo kwibango leqela labantu leThayisisi neSifo Sephepha ekwavunyelwana ngaso ziinkampani zemigodi ezintandathu ezihlawulayo – i-African Rainbow Minerals, i-Anglo American SA, i-AngloGold Ashanti, iGold Fields, iHarmony kunye neSibanye-Stillwater – kwakunye namagqwetha abafaki-mabango, saye samkelwa yiNkundla Ephakamileyo eRhawutini ngomhla wama-26 Julayi 2019 saze saphunyezwa ngomhla we-10 Disemba 2019 emva kokuba kuzalisekiswe yonke imiqathango.

Onke amabango awangeniswa kwiinkampani zemigodi ezihlawulayo kunye nezo zisebenzisana kunye nazo avele ngenxa okanye anxulumene neThayisisi kunye neSifo Sephepha, kuquka ibango leqela labantu elalingeniswe ngaphambi kweNkundla Ephakamileyo, ahlawulwa ngokuhambelana nemimiselo yeSivumelwano seNtlawulo.

Usenokufaneleka ukuba ufake ibango lembuyekezo ukuba ngaba:

1. wawungumsebenzi wakumgodi wegolide phakathi komhla we-12 Matshi 1965 kunye nomhla we-10 Disemba 2019;
2. wawusebenza komnye okanye ngaphezulu kwiMigodi Efanelekileyo (khangela uluhlu olulapha ngezantsi) ngamaxesha apho lo migodi yayingaphantsi kobunikazi okanye ilawulwa ziinkampani zemigodi ezihlawulayo;
3. wawusenza umsebenzi owakwenza ukuba uhlangane nothuli lwesilica; kwaye
4. wosulelwa yiThayisisi okanye iSifo Sephepha OKANYE unguMntu Oxhomekeke ngokwenkxaso yemali (umzekelo, unkosikazi, umntwana okanye iqabane lobomi) lwalo msebenzi wakumgodi wegolide osele wasweleka.

NCEDA UFUNDE ESI SAZISO NGONONOPHELO NANJENGOKO SISENOKUCHAPHAZELA AMALUNGELO AKHO.

NGUBANI OQUKWAYO KWISIVUMELWANO?

Isivumelwano siyasebenza kuwo onke amalungu eQela labantu abachaphazelekayo. Ulilungu leQela labantu abachaphazelekayo ukuba ngaba uyazifezekisa zonke iimfuno zalo naliphi na kula maqela abantu amane:

Iqela labantu abachaphazelekayo lesi-1:

Bonke abantu:

1. ukufika kumhla we-10 Disemba 2019 ababesenza, okanye ngaphambi komhla we-10 Disemba 2019 ababenze uMsebenzi Obeka Ebungozini. Umsebenzi Obeka Ebungozini uchazwa kuMthetho i-Occupational Diseases in Mines and Works Act, ka-1973 njengomsebenzi owenziwa ngumntu othi ahlangane nothuli olunobuninzi okanye umthamo oyingozi okanye ongaba yingozi, kuquka ukusebenza ngaphantsi komhlaba kumgodi wegolide;
2. owathi ngomhla okanye ngaphambi komhla we-10 Disemba 2019 wosulelwa okanye wayosulelwe yiThayisisi okanye oyakube ebekhe wahlangana nothuli lwesilica;
3. owenza okanye owakhe wenza uMsebenzi Obeka Ebungozini komnye okanye ngaphezulu kwiMigodi Efanelekileyo (khangela uluhlu olulapha ngezantsi) emva komhla we-12 Matshi 1965; futhi
4. ababengazange bafumane ntlawulo kumabango abo kwiintlawulo ezaziqosheliswe kwixa elingaphambili ne-Anglo American South Africa Limited kunye ne-AngloGold Ashanti Limited ngomhla we-14 Matshi 2016 kwakunye ne-Anglo American South Africa Limited ngomhla we-19 Septemba 2013, ngokwahlukeneyo.

Iqela labantu abachaphazelekayo lesi-2:

Abo baxhomekeke ngenkxaso yemali kuye nawuphi na kubantu abachazwe kwiQela labantu abachaphazelekayo loku-1 apha ngasentla ababesele beswelekile ngomhla we-10 Disemba 2019.

Iqela labantu abachaphazelekayo lesi-3:

Bonke abantu:

1. ukufika kumhla we-10 Disemba 2019 ababesenza, okanye ngaphambi komhla we-10 Disemba 2019 babekhe benza, uMsebenzi Obeka Ebungozini;
2. abosulelwe okanye ababosulelwe, ngaphambi okanye emva komhla we-10 Disemba 2019 siSifo sePhepha; kwaye
3. abenza okanye abakhe benza uMsebenzi Obeka Ebungozini komnye okanye ngaphezulu kwiMigodi Efanelekileyo (khangela uluhlu olulapha ngezantsi) emva komhla we-12 Matshi 1965.

Iqela labantu abachaphazelekayo lesi-4:

Abo baxhomekeke ngenkxaso yemali kuye nawuphi na kubantu abachazwe kwiQela labantu abachaphazelekayo lesi-3 apha ngasentla ababesele beswelekile ngomhla we-10 Disemba 2019.

YINTONI ISIPHUMO SESIVUMELWANO SENTLAWULO?

ITshiamiso Trasti isungulelwe ukuba iphumeze imimiselo yesivumelwano kwanokuba ihlawule imbuyekezo eyimali kubafaki-mabango abafanelekileyo. Umfaki-bango ofanelekileyo uyakuba selungelweni lokufumana intlawulo ehlawulwa kanye ephakathi kwe-R10 000 nama-R250 000, ngokuxhomekeke kubume nobuzaza besifo kwakunye nomonzakalo awufumeneyo umfaki-bango lowo. Kwezinye iimeko ezinobuzaza, umfaki-bango ofanelekileyo usengakwazi ukufumana isixa semali esikhulu, ukuya kutsho kuma-R500 000.

- Umfaki-bango ofanelekileyo ngumntu olilungu lalo naliphi na kumaqela abantu abachaphazelekayo achazwe apha ngasentla kwaye ozifezekisayo iimfuno zeTshiamiso Trasti zokufumana imbuyekezo eyimali.
- Onke amalungu eqela labantu abachaphazelekayo angakwazi ukungenisa ibango kwaye ayamenywa ukuba angenise ibango kwiTshiamiso Trasti lokufumana imbuyekezo eyimali, ngaphandle kwalawo malungu eqela labantu abachaphazelekayo akhethe ukuba azikhuphele ngaphandle kwisivumelwano sentlawulo.
- Iinkcukacha malunga nendlela yokungenisa ibango zinikeziwe apha ngezantsi, kunye nakwiwebhusayithi ethi www.tshiamisotrust.com.

Imimiselo epheleleyo yeSivumelwano seNtlawulo kwakunye nesigqibo seNkundla esasivuma iSivumelwano seNtlawulo ziyafumaneka kwiwebhusayithi ethi www.tshiamisotrust.com okanye ungazifumana kwiTshiamiso Trasti (iinkcukacha zoqhagamshelwano zilapha ngezantsi).

AKUDINGEKI UKUBA KWAYE AKUFUNEKI UKUBA UHLAWULE NABANI NA UKUZE AKUNCEDE UKUNGENISA IBANGO!

INGABA ULINGENISA NJANI IBANGO KWI-TSHIAMISO TRASTI:

INKQUBO YOKUNGENISA AMABANGO:

Nceda ulandele la manyathelo:

1) Ungakwazi ukujonga ukuba ingaba iinkcukacha zakho zikhona na kuvimba wedatha weTshiamiso Trasti kwanokuba ingaba unalo na ibango elingakho ngokuya kweli phepha kwiwebhusayithi yeTshiamiso Trasti https://www.tshiamisotrust.com/status-check/. Kananjalo ungatsalela umnxeba kwiziko leminxeba leTrasti ukuze ujonge iinkcukacha zakho kwanokuba ingaba unalo na ibango elingakho.
2) Le webhusayithi ingasentla kunye neziko leminxeba ziya kukuxelela kananjalo ukuba ngawaphi na Amaxwebhu Okufaka Amabango ekufuneka uwangenise njengenxalenye yokufaka ibango lakho. La maxwebhu anokuquka la alandelayo:
   - ikopi yencwadi yakho yesazisi, ipasipoti okanye ubungqina benombolo yakho yomsebenzi/yeshishini;
   - ukuba unguMntu Oxhomekeke ngokwenkxaso yemali (umzekelo, inkosikazi, umntwana okanye iqabane lobomi) lomsebenzi wakumgodi wegolide osele wasweleka, ikopi yencwadi yesazisi, ipasipoti okanye ubungqina benombolo yomsebenzi/yeshishini yomntu lowo osele wasweleka;
   - iirekhodi zakho zokusebenza kuwo nawuphi na uMgodi Ofanelekileyo (khangela uluhlu olulapha ngezantsi).
3) Umntu ngamnye osenokuba ngumfaki-bango kuya kufuneka ukuba acwangcise idinga lokuya kufaka ibango lakhe ngokutsalela umnxeba kwiziko leminxeba. Zingama-50 ii-ofisi zokufaka amabango eziseMzantsi Akrika kunye nakwingingqi ye-SADC. Iziko leminxeba liza kukwenzela idinga kwi-ofisi ekufutshane nalapho uhlala khona. Umfaki-bango ngamnye kufuneka angenise ibango lakhe ngokuba aye yena buqu.
   - Abafaki-mabango abahlala eMzantsi Afrika bangatsalela iziko leminxeba leTrasti kwinombolo engahlawulelwayo ethi **080 1000 240** ukwenza idinga kwi-ofisi yokufaka amabango ekufutshane nabo eMzantsi Afrika.
   - Abafaki-mabango abahlala ngaphandle kwaseMzantsi Afrika bangatsalela inombolo yeTrasti ethi ibuyise umnxeba wakho kwinombolo ethi **00 27 10 500 6186** ukwenza idinga kwi-ofisi yokufaka amabango kwilizwe labo. Nceda uqaphele ukuba xa utsalela umnxeba kule nombolo, iza kuvakala ngokungathi ixakekile. Emva koko uza kubekwa phantsi umnxeba aze umntu olapho kwiziko leminxeba akutsalele abuyise umnxeba wakho. Ngokuxhomekeke kwinkonzo yomboneleli wakho wothungelwano lweselula okanye umnxeba wasendlini, kunokufuneka ukuba ube ne-airtime ukuqalisa ukutsala umnxeba.

   Nceda uqaphele ukuba iziko leminxeba lisebenza kuphela ukusuka ngentsimbi yesi-8 kusasa ukuya kweyesi-5 malanga ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu. Nceda utsale umnxeba ngalo maxesha kuphela.
4) Ngomhla wedinga lakho, nceda uphathe onke Amaxwebhu Okufaka Amabango onawo uze nawo kwi-ofisi yokungenisa amabango. Igosa Lokungeniswa kwaMabango liya kukwazisa ukuba yintoni na onokuyenza ngokunxulumene naMaxwebhu Okungeniswa kwaMabango ongenawo.
5) Bonke abafaki-mabango baya kuhlolwa ngokweempawu zomzimba (ushicilelo lweminwe yabo njalo njalo) ukuqinisekisa ngokupheleleyo ukuba bangabo na.
6) Ukuba kuyadingeka, kungacwangciswa uxilongo lwezonyango olunxulumene neenzuzo. Oku kuya kwenziwa kuphela ngokwenza idinga.
7) Emva koko ibango lakho liya kuqwalaselwa yiPhaneli yoQinisekiso lwezoNyango kunye neKomiti yoQinisekiso yeTrasti ngokuhambelana nemimiselo yeTrasti.
8) Lakuba livunyiwe, imbuyekezo eyimali ekufanele ukuba uyifumane iya kuhlawulwa kwi-akhawunti yebhanki eqinisekisiweyo yomfaki-bango ngokuhambelana nemimiselo yeTrasti.

UKUFUMANA ULWAZI OLUNGAPHEZULU:

Yiya ku-www.tshiamisotrust.com

IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZE-TSHIAMISO TRASTI ZITHI:

Umnxeba: Ukuba ngaba uhlala ngaphakathi eMzantsi Afrika 080 1000 240

Ukuba ngaba uhlala ngaphandle kwaseMzantsi Afrika 00 27 10 500 6186

I-imeyile: info@tshiamisotrust.com

U-Whatsapp: (+27) 87 250 0066

Iwebhusayithi: www.tshiamisotrust.com

Tshiamiso TRUST

Imigodi Efanelekileyo

SA Land
Daggafontein
East Daggafontein
Elandsrand
Deelkraal (ekwaziwa ngokuba yi-Elandskraal)
Kusasalethu
Western Holdings (1,2,3,4,6,7) (ARMGold)
Matjhabeng (eminye imigodi emi-4 ye-Western Holdings iKudu, iNyala, iSable, ne-Eland neyayifudula iyimigodi i-Freddies neFree State Geduld)
Saaiplaas 2,3
Saaiplaas 4,5 (Masimong) (FreeGold 3)
Free State Geduld
Free State Cons
FreeGold 2 no-4
Freddies 7 no-9 (ukuya kwiKades Barnea cc, Pamodzi, nomgodi iTarget)
Freegold 2, 4 (Tshepong, Phakisa)
President Brand
President Steyn
Steyn 1,2 (ukuya eKades Barnea, Pamodzi, Bambanani)
Steyn 3,4 (FreeGold 1, ize ibeyiBambanani)
Brand 1, 2, 3, 5 (Steyn 5 ukuya ku-8)
HJ Joel / Joel
Western Reefs (ihlangene ne-Vaal Reefs)
Vaal Reefs (1,3,4,5,6,7)
Vaal Reefs 2
Vaal Reefs 8 (Great Noligwa)
Vaal Reefs 9 (Kopanang)
Vaal Reefs 10 (Tau Lekoa)
Vaal Reefs 11 (Moab Khotsong)
Western Deep Levels
Mponeng (South Mine WDL 1)
Tau Tona (East Mine WDL 3)
Savuka (West Mine WDL 2)
St Helena
Evander (kuquka imigodi iKinross, iLeslie, iBracken neWinkelhaak)
Randfontein Estates
Doornkop
Cooke 1, 2 no-3 (Rand Uranium)
Cooke 4 (Ezulwini)
Unisel
Umgodi iHarmony
Merriespruit
Hartebeesfontein
Loraine (Imigodi u-1,2 no-3)
Zandpan
Umgodi iVirginia
Village Main Reef
Western Areas (ukuya eSouth Deep)
South Deep
Beatrix (kuquka i-Oryx)
Oryx (ukuya eBeatrix)
Driefontein (kuquka i-East Driefontein, West Driefontein ne-Driefontein Cons)
Kloof (kuquka i-Leeudoorn ukusuka ngomhla woku-1 Jan 1993, Libanon ne-Venterspos)
St Helena (icandelo laseBeisa)